higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

NQF LEVEL 4

(Iphepha lokuqala)

(4101244)

13 November 2023 (X-paper)
09:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha ayi-12.

DEPARTMENT OF HIGHER EDUCATION AND TRAINING
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)
ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 4
(Iphepha lokuqala)
IXESHA: 3 IIYURE
AMANQAKU: 180

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamacandelo AMANE.

   ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda. (50)

   ICANDELO B: Ushwankanthelo. (20)

   ICANDELO C: Okubonwayo. (30)

   ICANDELO D: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa koliwimi. (80)

2. Phendula yonke imibuzo.

3. Funda yonke imibuzo ngocoselelo.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

6. Qwalasela amanqaku anikiweyo kumbuzo ngamnye

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule uphendule imibuzo engezantsi.

Ucimi-cimi wombane eMzantsi Afrika

Ngonyaka ka-2007 icandelo eliphehla umbane kweli loMzantsi Afrika, u-Eskom, lavakalisa ukuba luyasindeka lunxinzelelo lokuphehla umbane kuMzantsi Afrika jikelele. Abaphathi nabasemagunyeni bakwa-Eskom bakuxela oku sele benecebo lokukuthintela ukuze kunganweni de bangakwazi ukulawula. Bavakalisa ukuba kuzakubakho ucimi-cimi wombane ozakuba nezigaba ngeziba. Lo nto ithi kuzakubakho iiyure ezithile apho umbane ungazukufumaneka koomaspala abathile ngexesha elibekiweyo ngosuku. Yonke lo nto izakwenziwa incede abemi beli bafunde ukonga umbane. Umzekelo, bangalayiti izinto zombane abangazisebenzisiyo ezifana neegiza, ukupheka amaqanda ngeketile yombane okanye umntu alayite izibane zendlu imini yonke. Batsho ukuba zezi zinto zikhangeleka zincinci ezi ngenza umehluko. Bathi asikho esinye isizathu esibangela konke oku ngaphandle kokwanda kwesidingo sombane kubemi beli. Phambilini umbane ubufudula unqaphaze ezidolophini, ungekho emaphandleni nakwindawo zamatyotyombe. Yayingathi izakuba yinto yomzuzulwana ke le kacimi-cimi iphinde idlule, kanti ngunaphakade.

Xa kungoku, emva kweminyaka eli-15 uMzantsi Afrika usazifumana uchaphazeleka kucimi-cimi wombane. Nangona angalikhupha litsole u-Eskom, kodwa okucacayo kukuba akasenawo amandla okuphehlela uMzantsi Afrika umbane ngexesha elinye. Ukucacisela ke omnye umntu ongenguye umni weli, eyona nto yenzekayo kulo cimi-cimi, xa komnye umasipala kulayitile, komnye kumnyama thsu. Ekuqaleni kwayo yonke le nto abantu babengayinanzanga kangaka nanjengoko wawusimka umbane nje umzuzwana uphinde ubuye. Ngoku ibaziiyure ezimbini, nangaphezulu kwezinye iindawo kumnyana khaca. Lo nto ke ithi ibangele isankxwe kuluntu jikelele. Esona sikhalazo soluntu kukuba zininzi ngoku izinto ezichaphazelekayo. Ubomi bemihla ngemihla abusafani ngenxa yalo cimi-cimi. Amashishini, isebe lezeMpilo, nazo zonke ezinye izinto eziyinxalenye yobomi, ziyachaphazeleka, zonakele. Uluntu nje ngokubanzi luyavakalisa ukuba kunzima ngoku nokuthenga ukutya kwenyanga umntu azifakele kwisikhenkcezisi sakhe sokubandisa sasekhaya nanjengoko benoloyiko lokuba ukutya kuyonakala yaye okunye ukutya xa konakele kubayityhefu nenokuthi ityiwe ngabantwana bengaqondanga. Oosomashishini, abasakhasayo nabaphuhlileyo nabo batsho isimbonono. Eyona nto iphambili bathi ilahleko ingaphezu kwenzuzo.

Kunzima kakhulu ke kulo isebe lezeMpilo nanjengoko lo cimi-cimi wombane ubeka ubomi bezigulani ezithile esichengeni. Kukho abantu abaphefumla ngobuxhaka-xhaka bale mihla, kukho amachiza ezifo neentsholongwane ezithile ekufuneka ahlale esemkhenkceni ukuze ahlale elungile. Kuthi ke kudaleke umonakalo kuzo zonke ezo zinto ngenxa kacimi-cimi. Ukanti nesebe leZothutho lwavakala lugxwala enswaneni, lusithi, iingozi ezindleleni azilawuleki nje ukuba aqalise ucimi-cimi. Nje kuthi zisakuthi pam iirhobhoti ibenguwashiywa nowashiywa kubaqhubi nanjengoko basoloko bengxamile, bengamelani, nto leyo ithi idale iingozi eziye ngamanye amaxesha zimke nobomi babantu abamsulwa.

Isisombululo sona asikabikho nanjengoko u-Eskom emana ukuvakala ehamba ecela amalizo nenkxaso. Eyona nto icelwa ngabasemagunye nabaphathi baka -Eskom kukuba xa benokuthi bafumane umSamariya olungileyo ababonelele **ngenkxaso** ezakuthi ibancede bakwazi ukwakha ezinye izitishi zokuphehla umbane. Bathi ngaphandle koko ayikho enye indlela abanokunceda ngayo ukunqamla lo cimi-cimi nanjengoko iindawo zogobityholo zisanda imihla nezolo, ndawo ezo izezinye zongunobangela woxinzelelo azifumana ephantsi kwawo u-Eskom. Kaloku kwezi ndawo zamatyotyombe akukho namnye umntu otsale umbane ngokusemthethweni. Ugqibezele ngelithi ke omnye wabaphathi bakwa-Eskom, luxanduva lomntu wonke ukuqinisekisa uzinzo kule ngxaki. Nangona ubani angabona ngokungathi zizinto ezingenamsebenzi nezingabalulekanga, kodwa ukucima izibane zendlu emini, iigiza nezinye izinto zombane ongazisebenzisiyo kuyawenza umahluko. Xa sibambisene, singenza lukhulu, utsho ke yena urhulumente.

[Isicatshulwa sithatyathwe kwiSolezwe lesixhosa ngoncedo lukaGoogle, saze sahlelwa]

1.1 Nika igama lenkampani ekuthethwa ngayo kwesi sicatshulwa (2)

1.2 Kuthethwa ngantoni kwesi sicatshulwa (2)

1.3 Ngokwesicatshulwa kuthiwa yaqala ngowuphi unyaka le ntlekele? (1)

1.4 Ingaba yintoni unobangela wayo le ntlekele (2)

1.5 Mingaphi iminyaka yaqalayo le ntlekele xa uthelekisa unyaka wokuqala kwayo uza kuthi ga ngowama 2022? (1)

1.6 Chaza izinto zibe **Mbin**i ezingenziwa ngabemi beli loMzantsi Afrika ukuncedisa ukuhlisa uxinzelelo kuEskom. (2)

1.7 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba u-Eskom akanawo amandla okuphehlela Umzantsi Afrika umbane ngaxesha nye. (2)

1.8 Ngolwazi lwakho uthatha iiyure ezingaphi lo cimi-cimi wombane xa uthe wafika ngokweli nqanaba sikulo ngoku? (2)

1.9 Ngokwalapha kwisicatshulwa yintoni ecelwa ngabasemagunyeni bakwaEskom? (3)

1.10 Bhala isithetha-ntonye segama elikrwelelwe umgca kumhlathi wesibini. (2)

1.11 Chaza amaSebe abe mathathu athi achaphazeleke ngokumandla ngulo cimi-cimi wombane. (4)

1.12 Chonga izinto zibe mbini ezikhankanywe lelinye isebe ezithi zibeke ubomi babantu esichengeni ngenxa yocimi-cimi. (4)

1.13 NgokukaEskom zeziphi izinto ezinokufundwa ngabemi beli malunga nokonga umbane? Xela zibe **Ntathu**. (3)

1.14 Uthetha ukuthini omnye wabaphathiswa bakwaEskom xa esithi luxanduva lomntu wonke ukuqinisekisa uzinzo kule ntltekele? (2)

1.15 Chonga ibinzana kumhlathi wesibini elibonisa ukuba abemi beli baye bakhalaze xa umbane umke iiyure ezimbini nangaphezulu. (2)

1.16 Khupha izifanekiso-zwi zibe mbini ezisetyenziswe kumhlathi wesibini. (2)

1.17 Nika intsingiselo yegama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi:
Ekuqaleni kwayo le nto abantu **babengayinanzanga** kangako nanjengokowawusimka umbane nje umzuzwana uphinde ubuye. (2)

1.18 Ucinga ukuba lo cimi-cimi wombane unganegalelo kwezoqoqosho kweli loMzantsi Afrika? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.19 Lunjani uvakalelo lwakho ngale ntlekele yokumka kombane? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.20 Kukuthini ukugxwala emswaneni? (2)

1.21 Ingaba uyangqinelana noluvo oluthi, uEskom akasenawo Amandla okuphehlela uMzantsi Afrika umbane ngaxeshanye? Xhasa impendulo yakho. (3)

1.22 Wena ingaba ufunde ntoni kwesi sicatshulwa? (3)
[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 2

UKOYIKA

Umntu endalweni yakhe uyinikiwe le ndawo yokoyika okanye uvalo. Yintoni ukoyika? Yimo ethile apha emntwini emenza ukuba anxube xa ecinga ngayo, umzekelo, wonke umntu uyakoyika ukufa, ukushiya abantwana beselula, imali baza kuyifumana phi? Abantu bayayoyika intolongo apho kutshixwa ngeengcango zentsimbi.
Ukoyika kuyathanda ukuphazanyiswa nobugwala. Ukoyika kukuba woyike loo nto ithile okanye loo meko ithile, maxa wambi ude waziwe ngokoyika into ethile. Umhlobokazi wam ndiyamazi ukuba uyoyika ukunyuka ngeleli aye phezulu, akadibani nokuya kwiindawo eziphezulu.
Ubugwala bona abudibene nokoyika kuba umntu oligwala ngumntu owaziwa njengodalwe wanentaka. Kubhekiselwa ekulweni xa kusithiwa uligwala kanti ke nasekubethweni. Igwala ngumntu othi xa kufuneka ajongane notshaba lwakhe, suka acele kwabasicatyana kuba akanaso isibindi sokulwa okanye ukuziphindezela.

Abanye abantu boyika izigulo ezithile, ukugula ngezifo ezinjengoGawulayo nokugula ngengqondo. Ezinye izigulo ngathi azisuleli kodwa usuke ubone ikhaya liphela lonke sisifo esinye, uxakwe ke ukuba uthini na. Bayaphela abantu sisifo uGawulayo, loo nto akukabikho chiza limchanayo.

Kuninzi nje okoyikwayo ngumntu, omnye umntu oyike ukuboleka imali. Phofu imali yinto engaqhelekiyo ukuba ubone abantu benemali eninzi. Ubuhlobo buyaphela yimali. Abantu abaninzi bafika babe yimigewu ngenxa yemali. Yiloo nto kungelula ukuboleka imali emntwini.

Kuyacaca izinto ezoyikwa ngumntu zininzi, kodwa kuyafuneka abantu bazame ukuhlala bezilindele ezi zinto kuba siyaphila nazo. Loo nto idaliwe. Abantu bayoyika ukuhamba ebusuku, ukugaxeleka kwizigebenga nakwizithunzela. Abantwana besikolo phofu nabazali bayoyika ukutshona iimviwo. Asinto imnandi ukutshona komntwana xa ubala inkcitho.

Kulungile ukuba ikhe ibekho into eyoyikwayo ngamanye amaxesha. Kuyakruqula ukubona abantu bengoo-asikhathali kuyo yonke into. Ayiqhelekanga kuthi loo nto sizwe sakwaNtu, kuba kwasendulo bezikho izinto ezoyikwayo nabantu aboyikayo kuba bekuye kufanekiswe ukoyika nentlonelo. **[20]**

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *'ZIPHUTHUME'* ebhalwe ngu S. Sishuba no N.V. Mkonto, amaphepha 16−17, saze sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C

UMBUZO 3

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

SENZAKUHLE PRINTERS

NXIBA IGAMA LESHISHINI LAKHO
Ungoyiki
Sigqwesile kumhlaba wonke.

Yiza uzokwenza izikipa zeshishini okanye isikolo sakho Esenzakuhle Printers sikwenzela umsebenzi okushiya ubambe ongezantsi!!!
Sikwenzela oku kulandelayo









P.O.BOX
Cape Town
8000
032 757 7973
hhps//senzprint.co.za
Amaxabiso aphantsi kakhulu!

3.1 Yeyiphi le nkampani ikhuphe esi sibhengezo – ntengiso singasentla. (1)

3.2 Nika umsebenzi wabo ube mnye. (1)

3.3 Nika iindlela zibe **mbini** ongathi uzisebenzise xa ufuna ukuqhagamshelana nale nkampani. (2)

3.4 Sibhekiselele koluphi udidi lwabantu esi sibhengezo- ntengiso? Xhasa impendulo yakho, (2)

3.5 Nika intsingiselo yeli binzana ‘okushiya ubambe ongezantsi’. (2)

3.6 Kuvuselela eyiphi ingcinga ngokusetyenziswa kwemifanekiso kwesi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.7 Sithini islogan sale nkampani? (1)

3.8 Caphula okuthetha ukuba azikho ezinye iinkonzo eziphucukileyo kunale. (2)

3.9 Lindawoni eli shishini? (1)

3.10 Ulwimi olusetyenziswe kwesi sibhengezo – ntengiso lu …
Khetha impendulo echanekileyo kezi zingezantsi:

A Lundilisekile.
B Lukrwada.
C Luyaqhatha.
D Lumnandi. (1)

[15]

UMBUZO 4

Qwalasela le khathuni wandule uphendule imibuzo elandelayo.



4.1 Xela izinto ezibonisa ukuba umntu okwiqam-2 wothukile. (2)

4.2 Khetha kwezi zilandelayo isikhundla sesithethi esikwiqam- 1 esikhombe umnwe:

A Utitshalakazi.
B UNesi.
C Umzali.
D Umfundi. (1)

4.3 Ucinga ukuba iqhubeka phi le ngxoxo ikwiqam-1? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.4 Amachokoza abhalwe emveni kwesikhuzo uYhoo! achaza ntoni? (1)

4.5 Yeyiphi le ngcinga ibethelelwa sisithethi esibeke izandla entloko? (1)

4.6 Amazwi athi “Ungafikuloqe” asixelela ntoni ngesithethi? (2)

4.7 Uthini umyalezo wale khathuni? (2)

4.8 Isikhuzo esikwiqam - 1 sinika yiphi intsingiselo? (1)

4.9 Ucinga ukuba yintoni injongo yomzobi ngale khathuni? (1)

4.10 Leliphi ixesha abaphila kulo aba bantu bakule khathuni? Nika isizathu sempendulo yakho. (2

[15]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

ICANDELO D

UMBUZO 5

‘Ngathi mdala kodwa nalaa bhuti apha kum. Inokuba ungaphezulu naphaya kuMfuneko.’
‘Yinto eza kwenzani leyo? Uya kudla kudala ulibele kukulala nje! Zizanyamtya zodwa ezilibala bubuthongo. Vuka sana! Ukuba angaze abhudele apha kum loo Yangaphi, ndingamnika lonke uthando endinalo ahiliteke ingqondo lulo, ukuze yena andinike yonke imali anayo,’ watsho ehleka uNomathamsanqa owayengalilibali ngokwenene ithamsanqa likaThantaswa.
‘Ndiza kulala ndimfowunele ke sana. Kodwa ke ndixhalele nomfazi wakhe,’ atsho uThantaswa.
‘Ebekunikela ntoni ke yena eli khadi kanti akakufuni ukufowunelwa?
Ukuba akamhloniphi umfazi wakhe, wena akungeni ndawo kuloo nto, kwaye usengamkha ngophondo awele kude kuloo mzi wakhe. Uze usebenzise le nombolo yeselula,’ wamcebisa ngelo uNomathamsanqa.
‘Enye into endiyixhaleleyo kukuba bonke oosomashishini ngoodlalani abangadlulwa bhinqa. Kazi ndiza kuba ngowesingaphi na ke mna kwabafowunela lo mfo ngelanga? Sonke sitsalwa sesi sipaji sakhe’, watsho ehleka kancinci uThantaswa.
‘Nokuba nibangaphi na, ukuba umntu ngamnye uyalifumana iqhosha elingenantunja kugqityiwe’. Wathi akutsho uNomathamsanqa, wahleka uThantaswa.
‘Ubudenge endibenzileyo ke, Thami, kukuba andimnikanga umhlekazi ezam iinombolo kuba ndidinwa kukufowunelwa ngabantu endingabafuniyo. Ndisenokungamfumani kaloku lo mfo xa ndimfowunelayo kuba oosomashishini basoloko bexakekile,’ watsho uThantaswa.

5.1 Nika isinye segama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi:
Zizanyamtya zodwa ezilibala bubuthongo (2)

5.2 Sisetyenziswe njani isimelabizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi:
Ukuba angabhudela apha kum loo Yangaphi, ndingamnika lonke uthando ahiliteke ingqondo. (2)

5.3 Loluphi udidi lwesichazi olubhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi?
Ngathi **mdala** apha kum laa bhuti. (2)

5.4 Chaza ukuba lishiywe phantsi kweyiphi imeko iceba kwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi.
Uze usebenzise le nombolo yeselula. (2)

5.5 Nika intsingiselo yeli binzana 'Ndingamkha ngophondo'. (2)

5.6 Khupha isimelabizo kwisivakalisi esingezantsi wandule uchaze ukuba loluphi udidi lwesimebizo.
Sonke sitsalwa sesi sipaji sakhe. (2)

5.7 Fakela izimaphambili ezibini ezohlukeneyo kwigama elikrwelelwe umgca ngaphantsi, kodwa ingcambu ingatshintshi, wandule uwasebenzise kwizivakalisi.
Ubudenge endibenzileyo ke Thami andimnikanga… (4)

5.8 Bhala imo evumayo yegama elibhalwe ngqindilili:
Andimnikanga umhlekazi ezam iinombolo. (2)

5.9 Nika isiNye sezi zibizo zilandelayo, wandule uzisebenzise kwizivakalisi:

5.9.1 Iinombolo

5.9.2 Oosomashishini

5.9.3 Oodlalani

(3 × 2) (6)

5.10 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo elandulayo.
Ndiza kulala ndimfowunele ke sana, kodwa ndixhalele umfazi wakhe. (2)

5.11 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi:
Ebekunikela toni ke ikadi lakhe xa engafuni kufowunlwa? (3)

5.12 Sebenzisa igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi linike intsingiselo eyahlukileyo kuleyo isetyenziswe kwesi sivakalisi.
Ukuba umntu ngamnye uyalifumana iqhosha elingenantunja kugqityiwe. (2)

5.13 Nika intsingiselo yeli binzana .Iqhosha elingenantunja. (2)

5.14 Bhala isininzi segama elisisiyaleli kweli binzana, wandule ulisebenzise kwesakho isivakalisi.
Vuka sana! (3)

5.15 Fakela isimamva sesandiso kwisibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi:
Ndingamnika lonke uthando endinalo ukuze ahiliteke ingqondo lulo. (2)

5.16 Nika isini sesiduna segama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi.
Ukuba akamhloniphi **umfazi** wakhe asiyondaba yakho leyo. (2)
[40]

UMBUZO 6

Bhala ingxelo ngokuyeka isikolo kwabafundi abaninzi ngenxa yokumiswa kwezifundo ngexesha leCovid.

Ukuba ngenene nangenyaniso bangabatyholwa kule nto, kufuneka senze ngabo umzekelo. Kufuneka bawazi ukuba umthetho uyasebenza nakubantu bomthetho uqobo,' wangqina ngelo uNkomo.
Ngokwenene yathi ifika imini emaqanda, wabe uMfuneko noNqoza bebethwa ngumoya elokishini. Ilishwa labo ke kukuba banqunyanyiswa ngaphandle komvuzo wenyanga ngenxa yobunyekenyeke bezityholo zabo.
'Inene uMfuneko lo unzulu,' watsho uBhadula ebona uMnenga noNqoza bephuma e-ofisini kaNjinga bemanyonywana.
'Akanelanga nje kukuba nzulu, ungcolile, ngusathana wepolisa elingcolisa inkonzo yesipolisa,' wangqina watsho uGqazana.
'Eyam ingqondo incamile namhlanje,' watsho evuthulula izandla uBhadula kukungabi nabhongo.
'Sisigebengakazi somfazi esiya sikaYangaphi esifanelwe ukuvalelwa sodwa kwesimnyama thsu isisele,' watsho uGqazana.
'Ufanelwe sisihogo samanz' abilayo!' wagqibezela ngelo uBhadula.
Wathi nje ukuba asifulathele isikhululo samapolisa uMfuneko ukugxothwa kwabo, wacofa inombolo kanomyayi kaThantaswa emxelela ukuba iliwa libheke umoya. 'Bayive ngabani aba bantu into yokuba ubufuna ukubulala uMapheza?' wabuza exhalabile uThantaswa. 'Ndikrokrela uMapheza buqu.'
'Yena eyive ngabani njengokuba evuka ekufeni nje?'
'Andikazi okwalo mzuzu kodwa ndiza kuzama nam ukwenza uphando ngaloo nto.'
'Wowu! Ingathi kusekude ukuphuma kule ndibongo njengokuba ndijongile. Icebo lale ngoku lithini?' wabuza ebukruquka uThantaswa.
'Ndiseza kucinga kuba okwangoku andikemi kakuhle ngokwasengqondweni, koko bendisithi mandikwazise nje loo nto.'

6.1 Nika intsingiselo yeli binzana ngokwale tekisi. "Bebethwa ngumoya." (2)

6.2 Nika isilanduli segama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi.
Kufuneka bayazi ukuba umthetho **uyasebenza** nakubantu bomthetho uqobo (2)

6.3 Isimamva segama banqunyanyiswa sibonisa esiphi isixando sesenzi? (2)

6.4 Chonga amagama azizihlomelo abe **mane** kwesi sicatshulwa (4)

6.5 Khupha amagama amabini azizibaluli apha kwisicatshulwa. (2)

6.6 Siloluphi udidi lwesichazi eli gama Yesipolisa? (2)

6.7 Sibonisa ntoni isimamva u-kazi kweli gama Sisigebengakazi? (2)

6.8 Nika isithetha-ntonye segama elibhalwe ngqindilili kwisivakalisi:
Wathi nje ukuba **asifulathele** uMfuneko isikhululo samapolisa ukugxothwa kwabo. watsalela uThantaswa umnxeba. (2)

6.9 Nika isichasi segama 'ilishwa' elikwisicatshulwa, ulisebenzise kwisivakalisi. (3)

6.10 Tolika okuthethwa leli binzana Kule ndibongo. (2)

6.11 Nika intsingiselo yeli qhalo, 'Iiwa libhek'umoya'. (2)

6.12 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha eladlulayo.
Bayive ngabani bona aba bantu ukuba ubufuna ukubulala uMapheza. (2)

6.13 Lisesiphi isigaba sentetho eli gama, 'thsu' (2)

6.14 Nika isininzi segama, Isikhululo. (2)

6.15 Loluphi udidi lwesichazi, 'Eyam'. (2)

6.16 Sisetyenziswe njani isimelabizo sokwalatha kwisivakalisi.
Inene uMfuneko lo ungcolile. (2)

6.17 Khupha isikhankanyi kwesi sivakalisi.
Sisigebengakazi umfazi kaYangaphi esifanelwe ukuvalelwa sodwa kwesimnyama thsu isisele. (2)

6.18 Guqula le ntetho – ngqo ibe kwingxelo- ntetho.
'Ufanelwe sisihogo samanz' abilayo', wagqibezela ngelo uGqazana. (3)
[40]

AMANQAKU ECANDELO D: 80
AMANQAKU EWONKE: 180